



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

ISIGABA ESIPHEZULU

EYENKANGA 2023

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA.

IBANGA LESI - 7

Ixesha : 2 liyure

Umbuzo 1 : Isicatshulwa (20)

Umbuzo 2 : Itekisi ebonwayo (10)

Umbuzo 3 : Isishwankathelo (10)

Umbuzo 4 : Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (20)

Amanqaku ewonke : [60]

Eli phepha liqulathe amaphepha asi - 8

IMIYALELO NENGCACISO:

1. Eli phepha linemibuzo emiNe:

UMBUZO 1: Uvavanyo Lokuqonda (20)

UMBUZO 2: Itekisi ebonwayo (10)

UMBUZO 3: Isishwankathelo (10)

UMBUZO 4: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (20)

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo nangokukhathala.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Qwalasela ngeliso elibukhali upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

5. Bhala cacileyo nacocekileyo.

6. Krwela umgca wakugqiba ukuphendula umbuzo ngamnye.

UMBUZO 1

ISICATSHULWA

Funda esisicatshulwa singezantsi wandule ukuphendula imibuzo:

IZIYOBISI



Iziyobisi ngusathana ohamba ngamanqina omabini. USipho unxila kwakusasa esehla nje ebhasini. Ngentlazane utshaya intsangu, kwakhona emini anxile, afike mva egumbini lokufunda. Ukuphuma kwesikolo uyatshaya kwakhona. Wade wakuqhela ukutshaya kwaye amaxesha amaninzi ubufika eqhunyiwe. Amehlo akhe ayehlala ebomvu. Inggondo yakhe yayingasakwazi ukukhumbula izinto kakuhle, akhe avuze nezinkcwe eshwantshwatha xa ethetha. Xa ehamba ayokuwa phantsi edidizela. Ezo zinto zenziwa ziziyobisi. Wayengakwazi ukucinga nokuthetha msinya, kodwa wayengayikhathalelanga loo nto kuba nabahlobo bakhe babesebenzisa iziyobisi, ngoko ke kwakungekho unqanda omnye. Inkolelo yabo kukuba kuba mnandi xa betye ezi ziyobisi bade bazilibale iingxaki zabo.

Eyona nto awayeyithanda uSipho yayikukwamkeleka qho kubahlobo bakhe de acinge ukuba bayinxalenye yosapho lwakhe. Xa ujonga ngasemva akukho nto anayo. Abanye babahlobo bakhe abangaqhunywayo bamlahla ngenxa yeziyobisi. Wayemana ecinga ukuba usenalo ixesha lokuphinda abuyise ubomi bakhe bube semgangathweni.

USipho ngoku uyazi ukuba ukutshaya intsangu kuyingxaki. Uzamana nobomi bakhe, uyazikhetha izinto uzama ukulungisa ikamva lakhe. Uyazama ukufunda enzele aphumelele ibanga lakhe lesixhenxe, kwaye adlulele kwisikolo samabanga aphezulu kodwa uyoyisakala kukuqwalasela umsebenzi wakhe wesikolo. Ngeba uyayiqonda impumelelo yesikolo, kodwa ngamanye amaxesha ubuya ebusuku evela kwimijuxuzo yepati, loo nto yenza angakwazi ukuvuka kusasa. Akawenzi umsebenzi wasekhaya, nasegumbini lokufunda unamaxesha okungangeni kuba efuna ukusoloko enabahlobo bakhe abasebenzisa iziyobisi. Uyayazi ukuba iziyobisi azimphumelelisi ntweni kodwa akanawo amandla okuziyeka. Nento encinci enje ngokuphulaphula umculo kunomathotholo kumenza afune ukutshaya.

Ootitshala besikolo sakhe baye bamxela koonontlalontle. Oonontlalontle bona bamsa kumaziko okuhlamba abantu abasebenzisa iziyobisi emzimbeni. Uhlala kule ndawo iinyanga ezintathu. Kuye kuthethwa nomntu onengxaki neziyobisi aboniswe ubomi. Uye wamhle kwangoko uSipho wacaca ukuba uziyekile iziyobisi ngoba ebesele eboqokile ngathi yitoti yentlanzi xa iye yanyathelwa yashwatyaniwa.

Ootitshala bema ngenyawo, baxelesa amapolisa abambe abantu abathengisa iziyobisi bencediswa ngabantu belali. Baye babanjwa abathengisi beziyobisi bonke bagwetywa ubomi ejele. Amapolisa acebise ukuba xa kukho abantu abathengisa iziyobisi elalini, edolophini okanye elokishini, kufuneka kutsalelwe umnxeba amapolisa azokubabamba abantu abo. Uchazele amapolisa ukuba wona angalichazi igama lakho. Kubalulekile ukuba abahlali beme bume bagade okungalunganga kwiindawo zabo ukuze ezi zigebenga zibulala abantwana behleli, zibanjwe.

Umbhali ngu : Mr Z.Makuliwe

IMIBUZO:

- 1.1 Ngubani igama lalo mntu kubaliswa ngaye ? (1)
- 1.2 Zeziphi iziyobisi ozaziyo? Chaza zibembini (2)
- 1.3 Chaza ingozi eyenziwa ziziyobisi zibentathu (3)
- 1.4 Ithini inkolelo abanayo xa besela iziyobisi? Ingaba injalo ke, Xhasa impendulo yakho (2)
- 1.5 Ngokokwazi kwakho ingaba kulula ukuyeka iziyobisi? Ngoba kutheni? (2)
- 1.6 Ungabacebisa uthini abantu abalinganisa abahlobo babo basebenzise iziyobisi (1)
- 1.7 Baye bancedakale phi aba bantu? (1)
- 1.8 Xa kukho umntu othengisa iziyobisi kwiindawo yakho kufuneka uthini? (2)
- 1.9 Ithini inombolo yezomthetho? (1)
- 1.10 Kolwakho ulwazi umfundi othanda ulonwabo nemijuxuzo yeepati obuya ebusuku, uqhuba njani kwimisebenzi yesikolo ? (1)
- 1.11 Zeziphi izinto ulutsha ezingazenza ukuze bangangeni kwiziyobisi? (2)
- 1.12. Yinyani okanye ayiyonyani ukuba musa ukuthetha, ukuthemba ukuba ziitshomi nabantu ongabaziyo ngoba bokukufaka engxakini? Ngoba (2)

AMANQAKU {20}

UMBUZO 2

ITEKISI EBONWAYO

Jonga kwaye uqwalasele lo mfanekiso ungezantsi emva koko uphendule yonke imibuzo:



Imibuzo

- 2.1 Lo mfanekiso ukweyiphi idolophu ? (1)
- 2.2 Yintoni igama lale venkile? (1)
- 2.3 Zeziphi ezinye iivenkile ezikwizinga elinye no Boxer? (2)
- 2.4 Uthanda ukuthenga kweyiphi wena ivenkile ukutya. Ngoba kutheni? (2)
- 2.5 Ziintoni ezitsala abantu ukuba bazothenga kwivenkile ethile? (2)
- 2.6. Ingaba wena ufundela ukusebenza kwivenkile ethengisa ukutya? (2)

Ngoba kutheni?

Amanqaku Ewonke [10]

UMBUZO 3

ISISHWANKATHELO:

Funda esi sicutshulwa silandelayo uze wenze **isishwankathelo** esingamagama amalunga nama 60 -70

Qaphela oku kulandelayo:

- Bhala ngawakho amazwi.
- Yenza izivakalisi zibe sixhenxe okanye ubhale umhlathi.
- Nika inani elichanekileyo lamagama ekugqibeleni ulifake kwizibiyeli.
- Sebenzisa ulwimi olufanelekileyo.

BEKUXHELW' EXHUKWANA KWABHACA.

Iliso lidle ukudla kwalo lizondla ngobumbeje-mbeje ngelixa uSodolophu walapha ebelubekele bucala usuku lomhla we-24 EyoMsintsi 2023 njengosuku lwenkcubeko. Njengoko le dolophu neelali zayo ingqongwe ziintlanga ngeentlanga, ibinguloo mbono mhle womnyama kwiholo ledolophu yakwaBhaca kuba noweliphi na ibala umntu ebekho.

Obelapho ebegaxele iimpahla zakhe zakwaNtu ecaca ukuba ukweliphi icala. AmaXhosa ebegaxele imibhaco yakowawo, abaseNdiya bewunduza ngeesari, amaZulu ebhinge izikhumba zeenyezamazazi, abasemlungwini begaxele iisuti, abakwaSotshangane betsho ngezakubo izinxibo. Abantu babenyakazela oku kweembovane. Ziyi zema ngxi iimoto zisitsho ngesankxwe samaxilongo kuhola wendlela odlula edolophini.

Wonke umntu ebebambe ongezantsi emangalisiwe ukuba yidolophu ni na le inje ukumanyana. Bekungamayeyeye kuyiyizelwa. Ubuthi wakungena eholweni ufike iqela lentambula litsholo phantsi ngengoma endilisekileyo. Bamkelwa abantu, bahlala kwizitulo eziyimibala emnyama .

Bakuzinza abantu, uSodolophu uphakame wenjenje, “Ndiswele imilomo eliwaka, khangela ndazi ukuba olu suku niyakuluhlonyipha nenjenje. Sonke ke masidleni sithebeni sinye, silale ngangubonye omhlophe nomnyama ukuze le dolophu yethu iyokufika emajukujukwini. Khululani iibhatyi nixibilikise imixakatho, kusekhaya nalapha. Enkosi. Kutyiwe ukutya kwemveli konwatyiwe kwachithakalwa .

Amanqaku {10}

UMBUZO 4

IZAKHI NOKUSETYENZISWA KOLWIMI:

Funda, uze uphendule imibuzo elandelayo:

Eyona nto awayeyithanda uSipho yayikukusoloko amkelekile kwizihlobo zakhe de acinge ukuba ziyinxalenye yosapho lwakhe. Xa ujonga ngasemva akukho nto anayo. Abanye babahlobo bakhe bamlahla ngenxa yokusebenzisa zona iziyobisi. Wayecinga ukuba usenalo ixesha lokuphinda abuyise ubomi bakhe bube semgangathweni. USipho ziyamoyisa iziyobisi.

IMIBUZO:

4.1 Chonga **isibizo** kwesi sivakalisi singezantsi uchaze nokuba sikweliphi **ihlelo** (2)

Abahlobo bakhe bamlahla

4.2 Khetha **isimelabizo** uchaze **nodidi** lwaso. (2)

Bamlahlela ukusebenzisa zona iziyobisi

4.3 Guqula esi sivakalisi **sibekwimo elandelayo** (1)

Eyona nto awayeyithanda uSipho kukwamkelwa

4.4 Guqula esi sivakalisi singezantsi **sibekwixesha langoku**. (1)

Wayecinga ukuba usenalo ixesha lokubuyisa ubomi bakhe

4.5 Xela **intsingiselo** yesi saci kunye neli qhalo:

Iphela lingene emasini. (1)

Indlovu ayisindwa ngumboko wayo. (1)

4.6 Khupha intloko, **isivisa / isenzi nenjongosenzi** kwesi sivakalisi singezantsi (3)

USipho wabo ziyamoyisa iziyobisi ezininzi.

4.7 Yenza izivakalisi **ezimbini ezinentsingiselo eyahlukeneyo** ngeli gama:

Iqatha (2)

4.8 Guqula esi sivakalisi sibe **kwingxelo-ntetho** (2)

“Ubumazela phi ukuba utata wakho uzakubuya? “, wabuza kunyana wakhe.

4.9 Khetha **izichazi** ube sele uchaza **neendidi** zazo kwesi sivakalisi silandelayo (4)

USipho wabo woyiswa ziziyobisi ezininzi.

Amanqaku {20}

Amanqaku Ewonke {60}